

Indima katitshalakazi kwiNkqubo yoPhuhliso lweLitheresi yabantwana abancinci

Inkqubo yakwaWordworks yoPhuhliso lweLitheresi yabantwana abancinci iquka imiba emine kwilitheresi: Ukubonisa iimbono okanye uluvo ngolwimi oluthethwayo kunye nesigama, ukufunda, ukubonisa iimbono okanye uluvo ngolwimi olubhalwayo kunye nemidlalo yokwakha oonobumba, izandi kunye nolwazi lwamagama. Le nkqubo iqhutywa ngamavolontiya, mavolontiya lawo asebenza ngabantwana ababini umntu emnye, kanye ngeveki. Injongo yethu kukuqinisekisa ukuba sivala umsantsa okhoyo kwilitheresi yabantwana abancinci ukuze babenakho ukumelana nezinto ezilindelekileyo kubo ngokwekharithyulamu yeklassi abakuyo.

Ootitshala banendima ebaluleke kakhulu abanokuyidlala kule nkqubo. Ungasancedisa ukwenza le nkqubo ibe yimpumelelo ngale ndlela:

Ukukhetha abantwana

Sidinga uncedo lwakho ekuchongeni abantwana abaza kuzuzisa ekusebenzeni nabaqeqeshi. Inkqubo yakwaWordworks yophuhliso lokufunda nokubhala yabantwana abancinci isebenza kakuhle kakhulu kubantwana abanesakhono kodwa abasilelayo kwabanye eklassini. Aba ngabantwana abadinga inkxaso ekwakheni nasekuqiniseni izakhono zabo zolwimi nelitheresi. Abantwana abafumana ubunzima obukhulu ekufundeni bayayidinga kakhulu inkxaso eluqima nekhethekileyo kuTitshala oxhasa ukuFunda. Abaqeqeshi abanako ukunikeza le nkxaso kwaba bantwana. Ukusebenza nabantwana abanakho ukufunda kodwa abasilelayo yindlela entle kakhulu kuba abaqeqeshi bathi bakwazi ukubona inkqubela phambili bakwazi nokuzithemba ngokwazi kwabo ukunceda abantwana.

KwiBanga R bonke abantwana bazuzisa lukhulu kuncedo olongezelelweyo kwizifundo zolwimi nelitheresi. KwiBanga lokuQala sebenzisa esi sikhokelo ekuchongeni abantwana:

- Abantwana abangazange bangene kwiBanga R
- Abantwana abangena kwiBanga lokuQala benolwazi oluncinci loonobumba okanye abangakhange bakrotyiswe ezincwadini
- Abantwana abafunda isiNgesi njengolwimi lwesibini
- Abantwana abangazithembanga okanye abanxubayo xa kufuneka befundile okanye babhale
- Abantwana abafumana ubunzima ekufundeni nasekubhaleni



Ubudlelwane phakathi kukatitshalakazi nevolontiya

Abaqeqeshi bafumana uqeqesho olungqingqwa nenkxaso ngalo lonke ixesha kwiqela lakwaWordworks/kumphathi wendawo. Kodwa abasoloko bezithembile xa esebenza phambi kootitshala, ngoko wena ungabenza bazive ngcono ngokubabulisa ngobubele kwaye ubonise umdla kubo nomsebenzi abawenzayo.

Ingxelo kaTitshalakazi

Abaqeqeshiabasoloko beyivuyela ingxelo evela kootitshalakazi ingakumbi xa abantwana abasebenza ngabo bebonisa inkqubela eklassini. Ingxelo evela kutitshalakazi okanye kumphathi wendawo ixabiseke kakhulu kwaye incedisa umphathi wendawo ekuqinisekiseni ukuba kuncedakala abantwana abaludingayo olu ncedo. Umphathi wendawo ngomnye umntu onokunxibelelana naye ukuba kukho into ekuxhalabisayo ngomntwana okanye umqeqeshi. Nceda uqaphele ukuba akufuneki uthethe ngeengxaki zomntwana komnye umqeqeshi ekhona. Oku kungamchaphazela kakubi kakhulu umntwana, kumkhathaze kakhulu. Kodwa ke xa umntwana esiva kuthethwa kamnandi ngaye, oku kumenza azithembe kwaye akhuthazeke kakhulu!

Nceda uncedise umququzeleli nabaqeqeshi ukubazisa kwangethuba ngotshintso lwamaxesha okufundisa (umzekelo, xa kuzakubakho ukhenketho, neemini zemidlalo).